Isixhosa *Second Language* HG P2 November 2007

Nakulo unyaka nenze kakuhle zititshala. Abafundi abawaziyo umsebenzi wabo bawongwe ngamanqaku amahle kanti ke abo bangakhange bazilungiselele kakuhle kube nzima kubo.

Masikhuthazane nakalokunje ukuba sibafundise, sibanike izixhobo neengcebiso ezizizo zokumelana noviwo. Akukho nto imbi njengokuba unyanzeleke ukuba uhlabe umsebenzi womviwa okhangeleka ebenokwenza kakuhle kuwo ngenxa yokuba ebhale yonke imibuzo naleyo ebengafanelekanga ukuba ayibhale. Mabancediswe abafundi bakhethe imibuzo ngokweemfuno zoviwo olo balubhalayo.

Kuni bootitshala abafundisa iZiphumo zodendo noMafungwashe sithi umsebenzi ubemhle ngakumbi kwiZiphumo zodendo. Kumabali amafutshane nemibongo abavavanywa basabonakalisa ukusilela.

Masisebenzisane sixhasane siqulela inkqubo entsha yovavanyo kazwelonke.